YINTONI IMBEWU EVAKALISWE ISEMGANGATHWENI?

Inkqubo yembewu evakaliswe isemgangathweni (quality declared seed [QDS]) yinxalenye yenkqubo ezinzileyo yembewu kwakhona ilawula umgangatho wembewu nobumsulwa bayo. I-QDS ayikho ngqongqo kangako yona kwaye isebenzisa imithombo embalwa kuneenkqubo ezizinzileyo zolawulo lomgangatho. Ijolise ekuziseni imbewu ephucukileyo kumafama asakhasayo ize iwabandakanye kwimveliso yembewu.

Iingenelo zeQDS

- Amafama angakwazi ukufikelela lula kwimbewu ye-QDS kuba iyafumaneka, ithembekile, kwaye Ibiza kancinane kunembewu enesatifikethi esipheleleyo.
- I-QDS izilungela ngokwayo iindawo eveliswa kuzo.
- Amafama avumelekile ukulondoloza aze aphinde ayisebenzise i-QDS kumaxesha onyaka ama-3 ukuya kwama-4.
- Amafama ayakwazi ukuthengisa aze atshintshisane nge-QDS phakathi kwawo odwa.
- Le nkqubo ye-QDS iyingenelo ngokufanayo kumafama angamadoda nabhinqileyo avelisa imveliso ephuculweyo.
- Le nkqubo ye-QDS intle ekudaleni amathuba emisebenzi kumafama avelisa imveliso ephuculiweyo.

Izinto Ezimbi ngeQDS

- Amafama maxa wambi aye angafumani nkxaso ingako kurhulumente nakubathathi nxaxheba ngokuphathelele uqeqesho kwimveliso yeQDS.
- Kulinganiselwe ukufikelela kwimbewu esisiseko ukuze kuphindaphindwe loo mbewu.
- Amafama amaninzi awanalwazi lungako ngemveliso nokusetyenziswa kwe-QDS.
- Maxa wambi amafama awakwazi ukufikelela kwimithombo yezimali ukuze aqhube ishishini lawo lokuvelisa imbewu.
- Kwezinye iimeko urhulumente ukusikela umda ukusebenza kwe-QDS kube kwinqila ekwindawo ethile kuphela, ukuze kukhuselwe iingenelo zeenkampani zabucala zembewu.

www.acbio.org.za info@acbio.org.za Tel +27 (0)11 486 1156

duduccelho.com